**ISIFUNDO 3** **Apreli 8–14*

# Iindaba Ezilungiley Ezingunaphakade



## SABATHA EMVA KWEMINI

**Fundela Isifundo Sale Veki:** *IsiTyh. 14:6–12; 1 Kor. 15:1–4; Roma. 3:24–26; 1 Pet. 1:18–20; Mat. 28:19, 20; IZenzo 1:8.*

**Indima Yenkumbulo: "Ndabona esinye isithunywa sezulu, siphaphazela esazulwini samazulu, sineendaba ezilungileyo ezingunaphakade, ukuba sizishumayele kwabo bemiyo phezu komhlaba nakwiintlanga zonke, nezizwe, neelwimi, nabantu"** *(IsiTyhilelo 14:6)***.**

KuIsrayeli wakudla, xa abahedeni ababangqongileyo babengabanquli "boothixo" abaninzi, bemithi namatye, isivumo sokholo esinamandla sikaIsrayeli, sicacile, siqondakala, sasikuDuteronomi 6:4: " 'Yiva, Israyeli: uYehova uThixo wethu nguYehova mnye' " *(RV)*.

Kuzo zonke iinkulungwane, ukucengcelezwa kweShema (igama lomthandazo, lisekwe kwelesiHebhere lo"kuva") kwakuwakhumbuza amaYuda ngombono wasemoyeni owawuwamanya njengabantu nowawusomeleza isigqibo sawo sokubugcina ubume bawo obubodwa njengabanquli bakaThixo oyinyaniso.

KumaSeventh-day Adventists, izigidimi seengelosi ezintathu kwisiTyhilelo 14 ziyi*Shema* yethu. Ziluvumo lokholo kuthi olusiphawulayo. Zicacisa ukuba singobani, zikwachaza nesikuthunyiweyo ehlabathini. Ngokufutshane, uphawu lwethu lobuprofeti olulodwa lwandlelwe kwisiTyhilelo 14:6–12, kwaye kulapha apho sifumana khona imvakalelo yethu yokuvakalisa Iindaba Ezilungileyo Ezingunaphakade ehlabathini.

Kule veki, siza kuqala isifundo esicokisekileyo sesiTyhilelo 14:6–12, kodwa siya kwenza oko ngamehlo obabalo njengoko siphulaphula uThixo ethetha ezintliziyweni zethu.

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha kaApreli 15.*

# Incwadi Ezaliswe Lubabalo

Xa abantu abaninzi becinga ngencwadi yokugqibela yeBhayibhile, IsiTyhilelo, abaninzi ngobababalo lukaThixo. Xa becinga ngesigidimi somhla wokugqibela, iingcinga zabo zikholisa ukuya kwizilo ezoyikekayo, imifuziselo eyimfihlelo, nemifanekiso eyoyikekayo. Incwadi yesiTyhilelo yoyikisa abantu abaninzi kwanjengabo ibaqinisekisayo, nto leyo elilishwa kuba injalo, ngokwenene, izele lubabalo kanti ikwazaliswe nalithemba. Oko kukuthi, naphakathi kwamarhamncwa awoyikisayo nezilumkiso zentshutshiso namaxesha anzima azayo, uThixo usasinika izizathu zokuvuya elusindisweni lwaKhe.

**Funda IsiTyhilelo 1:1–3 nesiTyhilelo 14:6. Ezi ndima zihlangene azisixeleli nje ngencwadi yesiTyhilelo kodwa nange"Ndaba Ezilungileyo Ezingunaphakade"?**

________________________________________________

________________________________________________

IsiTyhilelo singoYesu. Sisigidimi saKhe kubantu baKhe kwaye siqonde ngakumbi kwibandla lemihla yokugqibela. Sisigidimi esizaliswe lubabalo sethemba lethu lexesha lokugqibela. Kuyo yonke incwadi, uKristu uchazwa njengeMvana exheliweyo, kwaye kuthenjiswe intsikelelo kwabo bazifundayo, baziqonde, bazenze iinyaniso ezityhiliweyo.

NgokwesiTyhilelo 1:5, 6, uYesu ngulo "wasithandayo, wasihlamba ezonweni zethu ngelilelaKhe igazi, wasenza nokumkani nababingeleli kuYe uThixo uYise" *(NKJV)*. KuKristu sixolelwe. Ubabalo luxolela okwethu okudlulileyo, lusinika amandla exesha langoku, lusinike ithemba lexesha elizayo. Oko kukuthi, kuKristu, sihlagulwa kwisohlwayo negunya lesono, kwaye ngenye imini kwakamsinyane, siya kuhlangulwa kubukho besono. Siso eso isigidimi sencwadi yokugqibela yeBhayibhile, IsiTyhilelo.

Kanti ke, ikwasisigidimi esikhawulezileyo, esizotywe kuqala njengengelosi ephapha ngokukhawuleza esazulwini sezulu inee"ndaba ezilungileyo ezingunaphakade."

*Iindaba Ezilungileyo Ezingunaphakade?* Usindiso ngokholo kuKristu? Ukufa kukaKristu okusicamagushelayo? Isithembiso sobomi obungunaphakade, kungengakuba sinento esinokuyenza kodwa ngenxa yento uKristu asenzele yona? Konke kusekuqaleni kwezigidimi zeengelosi ezintathu? Ngokuqinisekileyo!

Akumangalisi, ngoko, ukuba zibe zizigidimi ezizaliswe lubabalo ezizele lithemba nesithembiso kuthi njengezidalwa ezaphukileyo nezibulalekayo.

**Nangona kulula ukuqwalasela kumarhamncwa nezilumkiso zemihla yokugqibela, njengoko kuzotyiwe kwisiTyhilelo, singafunda njani ukuzizinzisa zonke ezi noko kungenakuphikwa, kusesona sigidimi sibaluleke kakhulu sesiTyhilelo: Ukufa kokuzibingelela kukaKristu ngenxa yethu?**

________________________________________________

# Iindaba Ezilungileyo "Ezingunaphakade"

Qaphela oko IsiTyhilelo 14:6, esisiqalo sezigidimi seengelosi ezintathu, siqala ngako: Iindaba Ezilungileyo "Ezingunaphakade" okanye "ezingapheliyo." Ukuba siyasilela ukubuqonda ubunzulu beendaba Ezilungileyo Ezingunaphakade, siya kuwuphosa wonke umxholo wezigidimi zeengelosi ezintathu. Asisokuze siyiqonde ngokupheleleyo imiba kwisigidimi sikaThixo selixa lomgwebo okanye ukuwa kweBhabheli okanye uphawu lwerhamncwa ukuba soyiswa kukuqonda Iindaba Ezilungileyo Ezingunaphakade.

**Funda 1 Korinte 15:1–4, Roma 3:24–26, nomaRoma 5:6–8. Zibekwe njani "Iindaba Ezilungileyo Ezingunaphakade" kwezi ndima? Themba lini elikhulu esinikwe lona apha?**

____________________________________________________

____________________________________________________

____________________________________________________

Iindaba Ezilungileyo Ezingunaphakade zizo ezingoKristu efela izono zethu, uvuko oluzukileyo, nothando oluhlala lukho kwanenkathalo ngathi. Ngokholo, kwigazi laKhe elaphalalayo, namandla okuvuka kwaKhe, sihlangulwe kuko kokubini, isohlwayo namandla esono. UKristu wafunxwa ziingcamango zikampostile uPawulos wasembindini wemfundiso nentshumayelo yakhe. UKristu obethelelweyo wamhlangula ekugwetyweni nasetyaleni lobomi bakhe bangaphambili. UKristu ovukileyo wamnika amandla exesha langoku, kanti uKristu obuyayo wamnika ithemba lexesha elizayo.

Qaphela iingongoma ezine kule ndawo ekumaRoma:

1. Sigwetyelwa ngokukhululekileyo ngobabalo.
2. Ubabalo lusisibhengezo sobulungisa bukaThixo.
3. Ubabalo lugwebela abo bathi ngokholo bamamkele uYesu.
4. Uthando lukaThixo lwabonakalaliswa kuthi sisengaboni.

Ubabalo lukaKristu alunakubangwa, alufanelwanga, alwamkelwa. UYesu wafa ukufa kwentlungu nokubuhlungu okuya kufiwa ngaboni abalahlekileyo. Wafumana ingqumbo kaYise epheleleyo, okanye ukugwetywa, kwesono. Waliwa ukuze thina sikwazi ukwamkelwa. UYesu wafa ukufa okwakukokwethu, ukuze sibe nokuphila ubomi obabubobaKhe.

Ingaba kuyamangalisa, ngoko, ukuba usindiso kufuneka lube ngokholo, ngapgandle kwemisebenzi yomthetho? Besingongeza ntoni, iyintoni engongezwa nayeyona misebenzi yethu yezona ngcinga zilungileyo nezizaliswe nguMoya Oyingcwele, koko uKristu wasenzela kona emnqamlezweni?

Eli cebo ke, icebo losindiso, lamiselwa ngaphambi kokuqala kwexesha *(2 Tim. 1:9, Titus 1:2, Efese 1:4)*, into enceda ukuchaza ukuba kutheni libizwa ngokuba zindaba ezilungileyo "ezingunaphakade." Ungekadalwa umhlaba, uThixo wakwazi okwakuza kwenzeka, waza wamisela icebo losindiso ukuhlangabezana nentlekele xa ithe, ekugqibeleni, yafika.

# Ibali Lobabalo

Izigidimi zeengelosi eezintathu zilibali lobabalo. Zilibali lothando loMsindisi olungaphaya komlinganiselo—ibali likaYesu osithanda kangangokuba angangcamla isihogo ngokwaso kunokuba kubekho nomnye wethu olahlekayo. Ngamabali othando olungenamda, olubunzulu bungafikelelekiyo, olungenakuqondwa, olungafiyo, olungapheliyo, olungenasiphelo.

UThixo akaze othuswe nto. Akachukunyiswa yimimoya eguqukayo yokukhetha koluntu. Njengoko sesibonile, icebo laKhe lokusihlangula kulawulo lwesono lalingento yacingwa emva kokuba isono sesingenile saveza intloko yaso embi. UThixo akazange afumaneke engalindelanga ngumdlalo owoyikekayo wesono.

**Funda IsiTyhilelo 13:8 no-1 Petros 1:18–20. Zisifundisa ntoni ezi ndima ngecebo losindiso?**

________________________________________________________________

________________________________________________________________

________________________________________________________________

Isaci "iindaba ezilungileyo ezingunaphakade" kwisiTyhilelo 14:6 sithetha ngexesha elidlulileyo, ngela ngoku, nelizayo. Xa uThixo wayedala uluntu lukwazi ukwenza ukhetho lokuziphatha, wayelindele ukuba baya kuzenza iimposiso ekukhetheni. Njengokuba izidalwa zaKhe zazinesakhono sokukhetha zasinaso nesokuvukela indalo yaKhe enothando. Indlela ekuphela kwayo yokuphepha le nyaniso yayikukuba adale abantu abaziimashini ezizisebenzelayo abalawulwa basetyenzwe ngecebo lendalo yonke elenziwe lizulu. Kona ukuthembeka okunyanzelwayo kuchasene noqobo lwendalo kaThixo. Uthando lufuna ukukhetha, kwaye ngako nje ukuba izidalwa zinikwe igunya lokukhetha, ukuba nokukhetha okuphosisayo kunokwenzeka. Ngoko ke, icebo losindiso lacetywa engqondweni kaThixo ngaphambi kovukelo lwabazali bethu bokuqala e- Eden.

"Icebo lokuhlangulwa kwethu asinto yacingwa sekusemva, elicebo elacingwa emva kokuba kuwe uAdam. Laba kukutyhilwa "kwemfihlelo ebifihlwe kwasephakadeni." Roma 16:25. Yayikukutyhilwa kwemithetho-siseko eyathi kwasephakadeni yasisiseko setrone kaThixo."—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, iph. 22.

"Iindaba Ezilungileyo Ezingunaphakade" azithethi kuphela ngexesha elidlulileyo neli langoku—zikwa sisiseko sekamva elinethemba. Zithetha ngokuhlala ngonaphakade naLowo ontliziyo yaKhe iqhekekayo kukufuna ukuba nathi ngonaphakade.

**Funda Efese 1:4. Cinga ngokuba kuthetha ukuthini ukuthi, ngaphambi "kwesiseko sehlabathi," nani "khethiwe" kuKristu ukuba nilufumane usindiso kuYe. Kutheni le nto kufuneka ufumane ukuba le nyaniso iyakhuthaza kakhulu?**

# Ikuwo Wonke Umhlaba

**Funda kwakhona IsiTyhilelo 14:6. Kubanzi kangakanani ukuvakaliswa kweeNdaba Ezilungileyo Ezingunaphakade, yaye ibaluleke ngokuba kutheni impendulo kuthi noko sikuthunyiweyo nesibizelwe kona silibandla?**

---

Ngokwesigidimi esikhawulezileyo sexesha lokuphela seyokuqala iingelosi kwezi zintathu, "Iindaba Ezilungileyo Ezingunaphakade" zimele ukuvakaliswa kuzo zonke izizwe, intlanga, iilwimi, nabantu. Olu luthumo olukhulu, olubanzi, nolupheleleyo kangangokuba luthabatha into yonke. Lufuna eyona mizamo yethu ilungileyo kwaye ikwafuna ukuzinikela kwethu okupheleleyo. Sisisusa ekuxakekeni kwethu zizinto ezithandwa sithi ukuba sibe nobushushu ngomsebenzi kaKristu. Sisikhuthaza ngento engaphezu kwethu ukuba siphume ekucuthekeni kweengqondo zethu sibe nombono ophangaleleyo.

**Funda Mateyu 28:19, 20. Ezi ndima zihambelana njani twatse nesigidimi sengolosi yokuqala?**

---

Encwadini yakhe, *A Quest for More: Living for Something Bigger Than You*, uPaul David Tripp uxoxa ngesidingo sengqondo kumntu wonke yokuba yinxalenye yento enkulu kunabo: "Abantu badalelwa ukuba babe yinxalenye yento enkulu kunobabo ubomi. Isono senza ukuba sibucuthe ubomi bethu buze kumlinganiselo wobomi esinabo ngoku. Ubabalo lukaKristu lunikwe ukuze lusihlangule kwiinkonkxa esikuzo zobukumkani obuncinane esiqwalasele kubo lusikhulula ukuba siphilele iinjongo ezingunaphakade nolonwabo olwanelisayo lobukumkani bukaThixo."

Akukho nto ikhuthaza ngaphezulu, eyanelisa ngaphezulu, enomvuzo ongaphezulu kunokuba yinxalenye yentshukumo yezulu, emiswe kukubonelela kukaThixo ukuba ifeze umsebenzi omkhulu kakhulu nobanzi kakhulu, kunaye nawuphi umntu abengawufeza ngokwakhe. Ukuthunywa okuchazwe nguThixo okuchazwe kwisiTyhilelo 14 ngowona msebenzi mkhulu owaka wanikwa ibandla laKhe. Sisibheno esinyanisekileyo esinikwe ubomi bethu ngumsebenzi omkhulu kakhulu wezulu ukuba sityhile uthando lukaThixo olungenamlinganiselo kanye phambi kokubuya kukaYesu.

**Athini awakho amava okubandakanyeka kwinto enkulu kunawe? La mava akunceda njani ukuba uyiqonde ingongoma yesifundo sanamhlanje? Kwakhona, yintoni enokuba nkulu kunokuba wena usetyenziswe nguMdali wezwe lonke ukuba wenze umahluko kwindalo yonke [yunivesi]?**

# Intshukumo Ethunyiweyo

Ngenxa yokufundwa kweBhayibhile nzulu, ama-Adventist okuqala abanokuqonda okukhulayo kokubaluleka kwezi zigidimi. Abanengqondo ethi uThixo wayenesigidimi esisikwe ngokukodwa sesi sizukulwana—isigidimi esikhawulezileyo sokuphela kwexesha ekufuneka sivakaliswe kwizizwe, nentlanga, nelwimi, nabantu, ukuze kulungiselwe umhlaba ukubuya kukaKristu. Izigidimi zeengelosi ezintathu zibe yinkuthazo kumsebenzi wama-Adventist kwakwiziqalelo zawo. Ngomnyaka we-1874, iGeneral Conference yathumela umvangeli wethu wokuqala eYurophu. UEllen G. White wathi uJohn Andrews "ngoyena unesakhono phakathi kwethu." UAndrews wayethetha, ubuncinane, iilwimi ezisixhenxe, eyicula iTestamente eNtsha ngentloko, esazi indawo enkulu kakhulu kwiTestamente eNdala. Waye esisifundiswa esinobuchopho, umbhali otshatsheleyo, umshumayeli onamandla, nonemfundo yolwazi ngoThixo olichule.

Ngani ukuba kuthunyelwe indoda enjalo kwindawo apho ayembalwa amakholwa? Ngani ukuba kuthunyelwe eyona ndoda "inesakhono" enaninayo kwintsimi engaziwayo? Kwakutheni ukuze yona ibe nentumekelelo yokuya? Inkosikazi yakhe yayisanda kusweleka kwiminyaka embalwa eyadlulayo. Yintoni eyayimenza ukuba abe nentumekelelo yokulushiya usapho lwakhe nabahlobo ngasemva eMelika ahambe ngenqanawa nabantwana bakhe ababini esiya kwilizwe angalaziyo, ebeka konke emngciphekweni ngenxa yomsebenzi kaKristu?

Sinye kuphela isizathu. Wayekholwa ukuba uYesu wayebuya kamsinyane, nokuba isigidimi senyaniso yexeha lokuphela kufuneka siye kumhlaba wonke.

Kuyo yonke imbali yethu, abona bakrelekrele nabona bazingcaphephe bethu baye eziphelweni zomhlaba ukuvakalisa isigidimi semihla yokugqibela. Babeziititshala, abasebenzi bamayeza, abafundisi, amafama, abakhandi beemoto, oosomashishini bazo zonke iindidi. Abanye babengabasebenzi ebandleni, kodwa abaninzi babengenabo. Babe nabashumayeli ababekholelwa ukuba uYesu uyeza kamsinya.

**Funda IsiTyhilelo 14:6, iZenzo 1:8, noMateyu 24:14. Kokuphi ukufana okubonayo kwezi ndima?**

________________________________________

________________________________________

Ukushunyayelwa kweendaba ezilungileyo ezingunaphakade kutsibe ngaphaya kwemida yemihlaba. Ingene nakwezona ndawo zikude zomhlaba. Kufikelela kubantu bazo zonke iilwimi nenkcubeko. Ekugqibeleni, kuza kuba negalelo kuwo wonke umhlaba. Kunika umdla kakhulu ukwazi ukuba isigidimi sethu, ukuza kuthi xha apha, sifikelele kumazwe angaphezu kwama-210 kumazwe angama-235 awaziwayo yiNtlangano yeZizwe eziManyeneyo (United Nations).

**Ithini indima onokuyidlala, unokuyidlala ngcono njani, ukunceda ukusasaza izigidimi zeengelosi ezintathu kuzo zonke "izizwe, neentlanga, neelwimi, nabantu"?**

________________________________________

**Ingcamango Eyongeziweyo:** Gxilani ngakumbi kwingcamango yesifundo sangoLwesithathu ngokudinga kwethu ukuba sibe yinxalenye yento engaphezu kwethu nobomi bethu obuncinane, obufutshane, obukholisa ukuba bobonakeleyo, nokungalungi, nobudanisayo (ngubani onganazo ezinye zezo mpawu ekuphileni kwakhe?). Olu langazelelo luyavakala, kunjalo nje. Ngokwasemzimbeni, siyimiqulwana nje emincinane yenyama ejikeleza ithwele iingqondo ezizezethu —ibathwana lomqulu osekwe kumxube wodakana olungekho kude kwithungana le *"fried chicken"* ezenza ukuba sikwazi ukusebenza.

Iyintoni le migodlwana izicingelayo yenyama xa ithelekiswa nokunganamda okuyijikelezileyo? Ukuziphilela nje wedwa, ukuphilela into engekho nkulu kunawe, kanti zininzi kangaka izinto ezikungqongileyo, nakude lee kuthi, kufana nokuvalelwa enkonkxeni ukwisixeko esikhulu onokusiva sishukuma ngaphaya kweendonga. Kanti ke, ingaba ikho into enkulu, entle kakhulu, nenozuko olungaphaya kokucinga, neneziphumo ezihle esingaphilela yona ngaphezu kokuvakalisa isithembiso sobomi obungunaphakade obu sinikwe bona kuYesu?

"Abakhonzi bakaThixo, benobuso obukhanyayo nobubengezela bubungcwele bokuzinikela, baya kukhawuleza ukuya kwiindawo ngeendawo bevakalisa isigidimi ezivela ezulwini. Ngamawaka amazwi, kuwo wonke umhlaba, isilumkiso siya kunikwa. Imimangaliso iya kwenziwa, abagulayo baphiliswe, imiqondiso nemimangaliso iya kulandelana namakholwa. USathana naye uyasebenza, ngemimangaliso yobuxoki, ade ahlise nomlilo uphuma ezulwini abantu bekhangele. IsiTyhilelo 13:13. Ngoko ke, abemi bomhlaba baya kufuneka babe necala abemi kulo."—Ellen G. White, I*mbambano Enkulu*, iph. 612.

## Imibuzo Yokuxoxwa:

**❶ "Baninizi abandibhaleleyo bebuza ukuba isigidimi sokugwetyelwa ngokholo singaba sisigidimi sengelosi yesithathu na, Ndiye ndaphendula ndisithi, Ukugwetyelwa ngokholo sisigidimi soqobo sengelosi yesithathu.' "—Ellen G. White,** *The Advent Review and Sabatha Herald*, **Apreli 1, 1890. Buyintoni ubudlelane phakathi kokugwetyelwa ngokholo nezigidimi zeengelosi ezintathu?**

**❷ Gxilani ngakumbi kwesaci "Iindaba Ezilungileyo Ezingunaphakade." Yintoni engunaphakade ngeendaba Ezilungileyo Ezingunaphakade?**

**❸ Kuthetha ntoni ukuba amaSeventh-day Adventists akumazwe amaninzi kakhulu emhlabeni? Kuthini oko ngendlela athe uThixo wayisikelela ngayo imizamo yethu ukuza kuthi ga ngoku? Kwangelo xesha linye, lingenza njani ibandla lenu, kwaneSikolo seSabatha senu, ukuba nidlale indawo enkulu "ekugqityweni komsebenzi"?**